Isalathiso: 20200819-7577
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

ICandelo lokuXhaso amaZiko ngeZibonelelo: 0008/2020

Iya: KuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli beZithili, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Izicelo zeenkonzo zezothutho lwabafundi ezintsha zika-2021 (iinkonzo ezintsha kunye nabafundi abongeziweyo)

1. Kucelwa izikolo ukuba zigxile ngokukodwa kwizicelo zezikim zezothutho lwabafundi (*LTS*) zonyaka wesikolo ka-2021 ukususela kwikota yesithathu ka-2020. Ukuqwalaselwa kwezicelo ze*LTS* esele zamkelwe ukulungiselela unyaka wesikolo ka-2020 kusaqukunjelwa yaye kucelwa izikolo zingangenisi naziphi na izicelo ze*LTS* ezitsha ukulungiselela u-2020.

2. Izicelo zeziko **zeendlela ezimiselweyo ezintsha** nokufakwa **kwabafundi abongeziweyo** kwiindlela ezimiselweyo ezikhoyo ngoJanuwari 2021 mazingeniswe kumphathi wesekethe ochaphazelekayo ungadlulanga owe-**02 Oktobha 2020**.

3. Bayacelwa abaphathi beesekethe ukuba bangqinisise/baqinisekise ukuba ngaba abafundi banokufakwa ezikolweni okanye kwiihostele ezikufutshane nabo nokuba bazalise iCandelo B lefom yesicelo phambi kokuqwalaselwa kokufakwa kwaba bafundi kwisikim sezothutho.

4. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kuqwalasela izicelo njengoko kuyimfuneko, aya kuzisayinela azingenise izicelo ezisayiniweyo ezinemephu zeendlela kwiCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo ukwenzela ukuba ziqwalaselwe nguMnu Keith Lackay, onguSekela Mlawuli we*LTS*, ungadlulanga owe-**16 Oktobha 2020.**

5. Kucelwa uqaphele ukuba akukho mfuneko yokuba kungeniswe izicelo ukwenzela abafundi beBakala R ekusele kuvunyiwe kungokunje ukuba bathuthwe ngo-2020; aba bafundi baya kuhlala kwiindlela ezimiselweyo ezichaphazelekayo njengabafundi bezikolo ezibandakanya bonke abafundi (*mainstream learners*) kunyaka wesikolo 2021.

6. Ifom yesicelo ye*LTS* yaseburhulumenteni mayisetyenziselwe le njongo ichazwe ngentla. Kucelwa kuqinisekiswe ukuba ayazaliswa onke amacandelo efom yesicelo.

7. Kubaluleke gqitha ukuba izicelo zeendlela ezimiselweyo ezintsha nabafundi abongeziweyo zifumaneke kwangexesha ukwenzela ukuba kuthengwe iinkonzo yaye zifumaneke ngosuku lokuqala lwesikolo ngo-2021. Izicelo ezingeniswe emva komhla osikiweyo ochazwe ngentla zikumngcipheko wokuba zingavunywa kwangexesha ukulungiselela usuku lokuqala lonyaka wesikolo ka-2021.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-09-14